# *IMbewu Ayisayi Kuba Yindlalifa Kunye Nekhasi*

Enkosi kakhulu, Mzalwana uDemos. Kwaye ngoku siyavuya ukuba lapha kusasanje, kwaye nokuva bonke obu bungqina bulungileyo buphuma kwaba bantu balungileyo. Kwaye ngoku, siyathemba ukuba uThixo uyakuqhubeka ukuba nathi kwaye asisikelele.

2 Ngoku, ngokuhlwanje, ndiyaqonda ukuba ndizakuthetha ngokuhlwanje, iNkosi ithandile. Kwaye ndiyendabuza uMzalwana uShakarian, kwimizuzwana nje embalwa edlulileyo, ndathi, "Ngoku, musa ukuzi uhlazekile. Ndiyazi ukuba kufuneka siphume apha ngentsimbi yeshumi elinanye kwaye ndi—ndisuka nje ndilahlekane noluvo lonke lwexesha xana ndifika phezulu apha."

3 Kubonakala ngokungathi sonke ngabanye siyakwenza. Siyaziva . . . Bathi, "Imizuzu emibini, imizuzu emithathu, okanye . . . " Mzalwana uSmith, uyazi, kunzima ukwenza ukuba wenze kwimizuzu emibini okanye emithathu. Kwaye ndiyazi ukuba kunjani, kwaye ndiyavelana naye ngamnye. Kodwa sikwixesha lesigaba, apho sikhoyo. Siya kwinguNaphakade, kodwa ngoku sikwixesha.

4 Kwaye ndathi, "Mzalwana uDemos, kancinane nje ngaphambi kwexesha, musa ukuziva uhlazekile, nditsale nje ngebhatyi kwaye ndiya kwazi ukuba lixesha lokuyeka." Ngoku, ukuba andigqibanga, ndiyakugqiba ngokuhlwanje. Ke ukuba ndenzile, ke, ndinesiqendwana esitsha ngokuhlwanje.

5 Ngoku nje ngaphambi kokuba sivule iNcwadi, makhe sithethe neMbhali, ngeentloko zethu zithotyisiwe.

6 Bawo waseZulwini othandekayo, siyaKubulela ngale ntsasa ngale ntlangano, nangoko sele sikuvile. Ukuba nje besinokudlulisa intsikelelo ngoku, Nkosi, besingakuva ukuba bekumnandi ukuba lapha. Ke ndiyathandaza ukuba Uyakuqhubeka, ukuba kulungile emehlweni Akho, kwaye uqhubeke ukuba nathi kwaye usincede. Kwaye ngoku siyazihlanganisa singqonge iLizwi. Njengoko besihlanganisene singqongile kubudlelane bomnye komnye, sisiva ubungqina bezinto Othe wasenzela zona, ngoku makhe sibuyele emva eLizwini kwaye sifumane apho konke oku kuvela khona. Ngoko, oko kuya kuba sisiqinisekiso sento esiyivayo nesiyibonayo, isenzeka namhlanje. Siphe ezi zinto eGameni likaYesu Kristu. Amen.

7 Ngoku, njengo—njengomkhonzi Wakhe, ndi—ndibophelelekile kuMyalezo. Kwaye ngamanye amaxesha ndiye ndangongaqondwayo kakuhle, kumaxesha adlulileyo, kwaye mhlawumbi kuya kuhlala kunjalo. Kodwa anditsho izinto ngamanye amaxesha ukuba ndibe—ukuba ndibe ngowahlukileyo, ndizitsho ukuba ndinyaniseke. Kwaye ndithanda ukuthetha into endicinga ukuba ilungile. Wonke umntu une—unelungelo kwezo zinto, ukuphuhlisa olwakhe uluvo. Yiyo loo nto ndiphakathi kwenu.

8 Kwaye uMzalwana uShakarian, ethetha ngamakhadi omthandazo kwimigca yokuthandazela, wokubona loo nto uMoya oyiNgcwele. . .Ngoku, akazange athethe oko malunga nam. Oko kumalunga noMoya oyiNgcwele, ngokuba bendingenako ukuzenza ezo zinto. Nabani na uyakwazi oko, bendingenako ukuyenza. Kodwa—kodwa elo licala elincinane, loo nto oyibonayo apha. Ufanele ukuba ngaphandle kwenye indawo, kwaye ukhangele indlela Axela ngayo izinto kwangaphambili! Kwaye nam. . .izinto ezo eziya kwenzeka, zi, ezi nje. . .wena, nguwe okwenzayo oko. Nguwe okholwayo kuThixo.

9 Kwaye—kwaye ngoko ukuba akukholwa kuThixo, khumbula, Ukuxelela njalo, kanye apha eqongeni. Kwaye ukuba usesonweni, Ukuxelela njalo. Kwaye izinto ozenzileyo, obungamelwe kukuzenza, Ukuxelela njalo. Asikuko nje kuphela oko bakubeka kwikhadi lomthandazo. Babenokubeka kwikhadi labo lomthandazo. . .Bebengayi kuthi, phaya, babe “ngumoni,” kwaye lo mfazi waye “hlala nomyeni ophosakeleyo,” okanye njalo njalo. Kwaye abasayi kuyibeka loo nto ekhadini lomthandazo, kodwa uMoya oyiNgcwele uyakufumana oko nakanjani na, yabona. Yabona? Kwaye ke oko. . .ngoko njani. . . i—inxalenye yamandla angaphezu kwendalo, zihlobo.

10 Kwaye oku ndikuthetha ngembeko, kuba akukho abaninzi bethu apha kusasanje, nje iqela elincinane. Iyandimangalisa, de indenze ndibe liphakuphaku kakhulu, ndiye ndizive ngokungathi ndingakhwaza ngamanye amaxesha. Kwaye xana ndihlala phantsi kwindawo ethile, ecaleni kwentaba, apho ndichitha ixesha elininzi phaya, ndisamkela ukusuka kuThixo, ndihle kwaye ndinike abantu oko Andinike kona. Kwaye andi—andifuni ukwahluka ukusuka ebantwini. Kodwa nangoko, ukunyaniseka, ndimelwe kukuba ndinyaniseke kuThixo, yabona, ku—kuMyalezo.

11 Kwaye ngoku siya, iNkosi ithandile, silungiselela ukunduluka kwangoko siye kukhenketho lwaphesheya kwezilwandle, nje kwiintsuku ezimbalwa, kwaye ukuba oko yintando yeNkosi. Ngokuqinisekileyo ndicela imithandazo yenu.

12 Nilunge kakhulu! Ndingena ukuthetheni, ndilibele konke

nje malunga nexesha, njengathi sonke. Kodwa kuMzalwana uShakarian, aba balungiseleli balungileyo balapha eqongeni, nangaphandle phaya, nonke nina bahlobo kuYesu Kristu, Ndiyanibulisa eGameni Lakhe; njengo—njengo mfo osisihlobo kuni, ngomnqamlezo, kuThixo, ningabazalwana noodade.

13 Ndifuna ukutyhila, kusasanje, kwiSibhalo, ngaphaya kwiNcwadi yamaGalati, iNkosi ithandile. Ndinqwenela ukufunda iSibhalo.

14 Ngoku, kubusuku obugqithileyo, ndisiva umyalezo lowo owawuphuma ukusuka kumzalwana wethu ongumlungiseleli apha eqongeni, uyewathetha ngeelwimi. uBredesen, uMzalwana uBredesen, indoda elunge kakhulu. Ndi . . .

15 Ukubona oku ngokungazi kwam nemfundo, ukuswela kwam ukuqonda ngamazwi, kwaye ngoko ndisazi ukuba uMyalezo uyinyani, kwaye ndabona amadoda anjengalawo ayephezu kwela qonga ngobunye ubusuku, emi phaya kunye . . . leyo inokuhlangana nolo hlobo lobungqondi. Basenokungakwazi ukwenza oko iNkosi indibizele ukuba ndikwenze. Andinako ukwenza oko iNkosi ebabizele ukuba bakwenze. Kodwa thina sisebenza kunye, ndiqinisekile ukuba singawusa uMyalezo, ukuba nje siyakuhlala phambi koThixo.

16 Kwaye xana wanika u—ubungqina apha kubusuku obugqithileyo, kwaye uMoya oyiNgcwele wathetha ngeelwimi, kwaye, umntu othile ngaphandle kwisihlwele, ndihlala ndisazi ukuyihlonela loo nto. Kuba, ndiyaqonda, ngeBhayibhile, ukuba uMoya kaThixo uzisa into ethile kuthi. Kwaye wathi, wathetha ngemvula yamva, imvula yokuqala nemvula yamva. Kwaye oko kundizisa kwingcinga.

17 Okokuba uMzalwana uBonham ebesandula ukundinika ipasile encinane enetshekhi kuyo, wathi, "Lo ngumnikelo wothando ngenxa yo . . . osuka ebantwini." Ngoku, yena—yena, bebengafanele bayenze loo nto. Yabona, andizelanga loo njongo apha. Kodwa ndi . . . yena, bandinike wona, kwaye, kakade, kuyakubakho . . . akukho ndlela yokuwubuyisela umva. Kwaye ndiyakuwuthabatha, ukuba iNkosi ithandile, kwaye ndizame ukuwufaka kwiindleko zam, ukuya phesheya kwezilwandle. Ngokuba, andixhaswanga, akukho mizamo, apho ndiya khona.

18 Luhlobo lwemfihlo, ngokuba amabandla akayikundivumela ukuba ndingene. Kwaye ndiyokungena njengomzingeli, ngokuba kuseNkosini yam. INkosi ibeke entliziyweni yam ukuba ndikwenze oko, kwaye kufuneka ndibe luhlobo lokuzifihla. Yabona? Ke baneembono ezincinci ezingaqhelekanga phaya, ukuba ngamnye ufuna ndityikitye ikhadi, ukuba ndiya kuvumelana nabo kuloo nto abayikholwayo, kwaye ndithi eli *elinye* iqela alilunganga, kwaye *eli* qela lithi liya kundingenisa ngaphakathi ukuba ndithi *eli* iqela alilunganga. Yabona? Kodwa andikuthandi oko. Yabona, singa . . .

19 Ndahlala ndizama ukuma phakathi kwabantu, ngaphandle kwemibutho nezantlukwano zabo, kwaye ndibize kuloo nto beyibonakala ngokungathi uMoya kaThixo ubukuthetha ngabazalwana apha ngale ntsasa, ukuba asililo ihlelo. Singabantwana bosapho. Ngoku, akukho hlelo likaBranham. Kukho usapho lukaBranham, kwaye sonke asizibandakanyi kolo sapho, sizelwe kolwaa sapho. Kwaye ke, mna, yiloo nto ndizama ukuyimela, ngo—ngobona bungcono ndibaziyo ukuba njani.

20 Ngoku kumaGalati 4:27-31, ndiyakholwa ukuba ndiphawule phantsi apha, ndingathanda ukufunda oku ngenxa yetekisi.

> *Kuba kubhaliwe, Vuya, wena ludlolo lungazaliyo; gqabhuka kwaye umemelele, wena lowo ungenanimba: kuba inkangala* ina...*bantwana abaninzi* kunalowo *unomyeni.*
>
> *Ngoku thina, bazalwana, njengoko u-Isake waye njalo, singabantwana* bed*inga.*
>
> *Kodwa njengoko yena lowo wayezelwe ngokwenyama wamtshutshisayo lowo wayezelwe ngokoMoya, nkqu* kusenjalo *nakalokunje.*
>
> *Nokuba kunjalo sithini na ke isibhalo? Likhuphele ngaphandle* ikhobokazana *nonyana walo: kuba unyana* wekhobokazana *akasayi kuba ndlalifa kunye nonyana womfazi okhululekileyo.*
>
> *Ke ngoko, bazalwana, asingobantwana* bekhobokazana, *kodwa bowokhululekileyo.*

Yanga iNkosi ingongeza iintsikelelo zaYo ngoku kwiLizwi laYo elixabisekileyo.

21 Ndinezimbalwa, kubusuku obugqithileyo ndikrwele phantsi izinto ezimbalwa; kwaye yayidla ngokuba njalo, xana ndandinomhlangano omnye ngeveki, ndaweni ithile, ndi—ndinokuzikhumbula ezo Zibhalo nje ngokucacileyo engqondweni yam. Kodwa ngoku emva kokuba ndi... Ngoku, njengokuba ndithethe indlela yokuqhula encinane, andithethi ukuba ndiyaqhula apha kweli qonga. Kodwa emva kokudlula amashumi amabini anesihlanu, okwesibini, andisakhumbuli njengokuba ndandidla ngokuba njalo. Kukho ezininzi i...Kukho ezininzi iimayile kule Ford indala, kwaye ke andisayikhumbuli. Kodwa okoko nje ndisenokuhamba, ndifuna ukunika yonke intshukumo eluzukweni lwaloWo Wandisindisayo.

22 Ngoku mna, ndibona ngoko ngale ntsasa, ndibukele... Mhlawumbi oku kubonakala kungaqhelekanga, kwaye mhlawumbi kwingqondo yengqondi isenokuba ixutyiwe ngokupheleleyo, kodwa iyancomeka kwinto leyo endiyibizelweyo. Nkqu yonke into encinane ingumqondiso

kum. NdiyaYikhangela, ndiyibone indlela Ehamba ngayo. Yiloo ndlela endiwufumana ngayo umyalezo wam ngelinye ixesha, kukubukela kwaye ndibone indlela uMoya ohamba ngayo, kwaye ndibone loo nto *oku* okuyithethayo, *okuya* kuyithethayo.

23 Kwaye nikhe nandiqaphela, ngamaxesha amaninzi, ngaphambi kwenkonzo yempiliso, ndimi phaya eqongeni, okanye ndihleli ngasemva, ndibukele; Ndiva uMoya, ngendlela Ohamba ngayo, kwaye sele ndiyazi ukuba yintoni na ingxaki kuloo mntu uhleli phaya. Yabona? Ndiyibone kwakhona, ngalandlela ukuza nga*pha*, yabona, uYibamba nangaphambi kokuba uye eqongeni.

24 Ngamanye amaxesha ngaphambi kokuba ndize kumhlangano, ngamanye amaxesha, ngaphambi nkqu kokuza ngapha njengaseCalifornia, Ndiye ndahlala phantsi kunye nabo bakunye nam, ndithi, "Kuya kwenzeka into ethile, *oku* kuyakwenzeka apha, kwaye *oku* kuyakuba sezantsi apha, kuya kuhamba *ngale* ndlela," yabona, ngokuba oko kukuMoya kaThixo. Ungu. . . Wazazi zonke izinto ukususela ekuqalekeni, yabona, kwaye ke UnguLowo onguNaphakade.

25 Kwaye ngoko ngokuqaphela, ngale ntsasa, uMzalwana uJewel Rose, umhlobo nomzalwana oxabisekileyo kakhulu kuthi sonke, indlela awavuka ngayo kwaye wafunda loo Ndumiso. Khangela indlela oko ekwahlangana ngayo, njengoko watshoyo, "Ndifuna ukubona ukuba hlobo luni lwembewu olo lujinga kuni." Kubusuku obugqithileyo, uMoya uyewathetha waze wathi, kwaye malunga, "Nemvula yamva, imvula yokuqala neyamva, zombini zigalelwa ngemihla yokugqibela." Kwaye ngale ntsasa, "Imbewu leyo ijingayo kuni." Yabona, uMoya uthetha, khangela ukuba Wenze njani ngaba balungiseleli, na njalo njalo, ngale ntsasa. Ke ngoko ndithabatha lo mxholo: *IMbewu Ayisayi Kuba Yindlalifa Kunye Nekhasi*.

26 Leyo yitekisi engaqhelekanga kakhulu, kodwa, *IMbewu Ayisayi Kuba Yindlalifa Kunye Nekhasi*. Kwaye kususela ekuthabatheni, ukutsala iziphetho zam zoku, okanye itekisi yam, gxebe, ukuphuma kumaGalati 4:27, ntathu, apha uPawulos kakade uthetha ngembewu yokoqobo ka-Abraham yoonyana ababini. Ngoku, oku, ndifuna ukusebenzisa oku ukuze uqiniseke ukuba awukuphosi oku. Kwaye ukuba ndihamba ixesha elongeziweyo, ndiya kuyithabatha ngokuhlwanje. Kwaye ndifuna ukufundisa, kanye njengesifundo sesikolo seCawe, ukuze nibe, ndiyakholwa, niyakuba nokuqonda okungcono.

27 Kwaye ndi. . . Kwaye abanye benu madoda aba—abanako ukwenza oku kunam, ngokuba. . . Andingomfundisi wezakwalizwi, nakanye. Kwaye ukuba awuvumelani nam Koku, nje ndizive ndikwenzile kubusuku obugqithileyo xana udade othile othandekayo endibhakele icherry pie. Ndihleli kweyam—kweyam. . . kwigumbi lam lehotele ngale ntsasa,

nda—ndabetha imbewu, kodwa ndisayitya ipie. Ndiye nje ndayibeka ngaphandle imbewu, uyabona. Ke, yiloo nto, into ongayikholwayo malunga naYo, nje yibeke ecaleni, yabona, kwaye uqhubeke nokutya oko ocinga ukuba kulungile.

28 Ngoku, uPawulos uthetha ngoonyana baka-Abraham ababini, abathi, omnye wayengoSara kwaye omnye wayengoHagare. Ngoku sifumanisa ukuba apha, kwaye siyakuqonda oko ngeZibhalo, ukuba uThixo akazange amelwe kububini. Kukwisithathu. Ngalo lonke ixesha kwisithathu, uThixo ugqibelelisiwe.

29 Ezezibalo zeBhayibhile zisebenza ngokugqibeleleyo. UThixo ugqityeleliswe kwizithathu, unqulwa ngezixhenxe, na njalo njalo. Yabona, ke si—sifumanisa ukuba izibalo zeBhayibhile azisileli.

30 Kwaye apha sinoonyana ababini baka-Abraham, kwaye nangoko singaba kuphela zindlalifa okoko nje singomnye wabo nyana, okanye unyana othile ka-Abraham. "Kuba thina safayo kuKristu, ngoko siba zimbewu zika-Abraham, kwaye neendlalifa kunye naYe ngokwedinga," ngoko ke u-Abraham umelwe kukuba abe nomnye uNyana.

31 Ngoku, siyazi ukuba unyana wakhe wokuqala wayengoHagare, kwaye sifumanisa ukuba unyana wakhe wesibini wabango—wabangoSarah. Kodwa wabanoNyana wesithathu, onguYesu. Ngoku, oko kunokubonakala kungaqhelekanga, kodwa yiloo nto siya kuzama ukuyicazulula. Njengoko benditshilo, uThixo uzimela ngoKwakhe, ngalo lonke ixesha engqibelelweni, kwisithathu. Kwaye ndizicacisile ngaphambi kwabo bonke ngoku, ngokukhethekileyo kubefundisi bethu bezakwalizwi, ukuba ezi zinto zingendlela nje endizibona ngayo, ngendlela eziza ngayo kum.

32 Njengasekuqalekeni, uThixo, uThixo wayehlala yedwa, ngokuba WayenguLowo unguNaphakade, yabona, wayengenguye nkqu noThixo. *UThixo* usisihloko "esinqulwayo." Kwaye uLogos, njengoko Simbiza njalo, iLizwi elo elaphumayo kuThixo, Ukuba, nabani na uyazi ukuba Leyo yayiyiNgelosi yeNkosi, okanye iLizwi leNkosi, leyo eyalandela amaSirayeli entlango; iNgelosi yoMnqophiso, uLogos lowo owaphuma kuThixo. Kwaye ngoko laa Logos wenziwa inyama wahlala phakathi kwethu. Ngoku sikuYohane oNgcwele 1, "Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, uLizwi waye noThixo, kwaye uLizwi enguThixo." Kwaye ngoku, njengokuba Wanikela ngobomi Bakhe ngenxa yethu, ngoko uMoya Wakhe ubuyela phezu kwethu. UYesu wathi, "Ngaloo mini niya kwazi ukuba Ndikuye uBawo, uBawo ukuM; Mna ndikuni, kwaye nina nikuM."

33 Yabona, NguThixo, lonke ixesha, uThixo ezibonakalalisa ngoKwakhe, esebenza ngoKwakhe kwizigaba ezahlukeneyo. Ke ezo zithathu, zika, Yise, uNyana, noMoya oyiNgcwele,

nguThixo omnye esebenza kwizibonakalaliso ezintathu. Kwaye thina namhlanje sibanye, iBandla ngokwaLo, isibonakalaliso sengcinga kaThixo ngaphambi kokusekwa kwehlabathi, ukuba ne—neBandla. Ngoko abo bakuKristu babekuKristu kwasekuqalekeni, ezo yayizingcinga Zakhe, kwaye iingcinga Zakhe zizibonakalaliso Zakhe.

34 Apha imbewu iyaqala, kwidinga. Kwaye u-Abraham apha wathandabuza kancinane, ngo-Ishmayeli. Kwaye ndifuna ukunibonisa amanqanaba amathathu wezi, wale Mbewu esiza kuthetha ngayo, leyo ingeyiyo indlalifa kunye nekhasi. Ngoku sifumana ukuba, ekuqalekeni apha, ukuba uThixo wanika u-Abraham idinga.

35 Wanika u-Adam idinga, kuqala. Kwaye oko yayiyi, okanye, umnqophiso wawukwimiqathango. "Ukuba awuyi kukwenza *oku*. Ukuba uyakwenza *Oku*."

36 Kodwa xana Wawunika u-Abraham, wawungenamiqathango, "Sele Ndikwenzile." Akazange... Loo nto Awayenzayo, yayingenamiqathango, Wayinika ku-Abraham. Ngoku, kwaye ngaloo nto, u-Abraham enedinga, ngoko ke simelwe kukuba sibe yiMbewu ka-Abraham. "Kwakungekuphela nje ku-Abraham, kodwa nakwiMbewu yakhe emva kwakhe." Ngoku ukuba uyakuqaphela, kwakungezo "mbewu" emva kwakhe, kodwa "Imbewu" emva kwakhe.

37 Ngoku sifumanisa ukuba idinga, lithandabuziwe kancinane nguSara, kwaye uSara waxelela u-Abraham ukuba athabathe lo Hagare, umYiphuthakazi, umfazi oselula, abe ngunkosikazi, kwaye leyo yayiyakuba yindlela leyo uThixo awayeya kuyivusa ngayo le mbewu yedinga.

38 Ngoku, uyabona, ukususela njengoko benditshilo kubusuku obugqithileyo, nayiphi na intshukumo esuka kwela cebo lakuqala likaThixo iphosa yonke into ngaphandle kwecebo. Asinakusuka kwelaa Lizwi lakuqala. Limelwe... Sithethe ngalo kubusuku obugqithileyo, okanye ngorhatya lwangaphambi kobudlulileyo, gxebe, ngoBhileham. Wafumana impendulo kaThixo, ngqo kwaye ngokucacileyo, "Musa ukuya!" Kodwa Waye nentando mvume. Kwaye ungasebenza kuloo nto ukuba uyanqwenela, kwaye uThixo uyakuyenza ukuba iMzukise, kodwa nangoko ayikabiyintando kaThixo egqibeleleyo. Kwaye yiloo nto esifanele silwele yona, intando Yakhe egqibeleleyo, hayi intando mvume Yakhe. UbuKumkani bukaThixo, awathi Yena... busemhlabeni namhlanje, buya... abungekhe bumiswe, ngobulungisa, kwintando mvume. Bumelwe kukuba bubuyele kwintando Yakhe egqibeleleyo.

39 Ngoku siyabona apha ukuba uSara, emva kokuba uThixo exelele u-Abraham ukuba umntwana uya kuzalwa ngoSara, lowo oyakusikelela ihlabathi, ngoku uSara wakuthandabuza oko. Ndifuna ukuba uqaphele, ayizange ize ngo-Abraham;

kodwa ngoSara, inkazana. Kwaye wakuthandabuza oko, kwaye wathi, "Thabatha uHagare." Kwaye u-Abraham akazange afune ukuyenza loo nto, kodwa uThixo wamxelela ukuba aqhubeke ayenze nakanjani na. Ke wayenza lonto, wathandabuza kancinane. Ngoku, u-Isake, ekubeni engokhululekileyo ephuma kumfazi wedinga, wayengenakuba yindlalifa kunye no-Ishmayeli, ikhobokazana, kwintandabuzo.

40 Yiloo nto uPawulos awayezama ukuyithetha apha. Yabona, apho into enye ithandabuziweyo, kwaye ize ithobe into ethile kaThixo, ulungelelwano oluthile lukaThixo, kodwa ayisayi kuba yindlalifa ngolungelelwano lwakuqala lukaThixo. Niyaqonda? Yabona, ayinakuba yindlalifa.

41 Ngoku yiyo le nto ndinamandla kakhulu namhlanje. Kwaye ndiyendacinga ukuba eli kuya kuba lixesha elilungileyo, ngokuba andazi ukuba siyakuba kunye ixesha elingakanani, kwaye, mhlawumbi ndinako, ngandlela ithile uThixo uyakundinceda ukuba ndinibonise isizathu sokuba ndilukhanyele ngokuluqilima unqulo lombutho. Yabona? Yabona, ayinakuba yindlalifa kunye nenkqubo yakuqala kaThixo, ngokuba umbutho asingokaThixo. Ngowomntu. Ibandla lokuqala elakha laququzelelwa, kwihlabathi liphela, yayilibandla lobuKatolika lamaRoma eNicaea, eRoma. ISityhilelo 17, sithi, "Wayelihenyukazi, kwaye bonke abantwana bakhe babengamahenyukazi." Kwaye ihenyukazi ngumfazi ongaphili ngenyani endodeni yakhe, kwaye ihenyukazi yinto enye. Kodwa, uyabona, yaba libandla, nakanjani na. Yinkqubo eququzelweyo kwaye yahlula ubuzalwana. Sazama ukwenza umbutho onke amabandla ndawonye. Ayinakusebenza lonto; ayizange isebenze. Ayinakuze isebenze. IBhunga leeNkonzo zeHlabathi, bona nje . . . bangaphandle kwenkqubo kaThixo.

42 Ngoku uthi, "Ungubani wena, umfo omi phaya phezulu ngaphandle nkqu kwemfundo negrammar yasesikolweni?" Oko akwenzi nawuphi umahluko, into eyiyo imfundo. Asiyomfundo yam endizama ukuthetha malunga nayo.

43 LiLizwi likaThixo endithetha malunga nalo, yabona. Kwaye nezi ziqinisekiso ezo nizibonayo kulungiselelo, asindim, nguThixo ezama ukuzisa oko kuni, ukuba oko yiNyaniso. Ingaba uThixo unantoni yokwenza nobuxoki? Ngoko makube kude lee kum, ukukhonza uThixo lowo oyakusikelela ubuxoki. YiNyaniso leyo Ayisikelelayo, yiNyaniso leyo Ayihloniphayo.

44 Ngoku, u-Ishmayeli wayengenakuba yindlalifa kunye no-Isake, ngokuba omnye wayethandabuziwe kancinane, nje ukuthandabuzeka okuncinane. Yayingumntwana, yayiseyimbewu ka-Abraham nangoko, kodwa hayi indlela kaThixo egqibeleleyo ngayo: U-Ishmayeli. Ngoku ndingachitha ixesha elininzi apha, kodwa ndiyathemba ukuba uMoya

oyiNgcwele uya kuninika oku ngendlela yokwenene leyo ekufanele kube yiyo.

45 Ngoku ukuba bona, ukuba u-Ishmayeli no-Isake babengayikuba zindlalifa kunye ngokuba icebo lokuqala likaThixo lathatyathelwa indawo ukuya kwi—kwintando mvume yecebo likaThixo, intando mvume yendlela leyo uThixo awayisikelelayo, ngokunjalo neBandla lomoya namhlanje alinakuba yindlalifa kunye nehlelo. Amahlelo, uThixo wawasikelela, njengokuba Wenzayo ku-Ishmayeli, kodwa aboMoya abasayi kudla ilifa kunye nabanye. Kunjalo oko. Kuyakubakho, ukuphuma kwibandla lehlelo (ibandla elibizwa ngokuba libandla, ibandla lemvelo), kuyakuza uMtshakazi kaKristu, oNyuliweyo.

46 Ngoku phaya, into endikhathazayo ngale yure, kukwazi ukuba siyawabona onke la mahlelo etsalela kule nto siyazi ukuba yi. . .into eniyibiza ngokuba yimvula yamva, okanye, ukuthululwa kukaMoya. Ingaba uyaqaphela ukuba uYesu wathi, ukuba, "Xana oko kusenzeka, kuya kuba sisiphelo"? Xana, intombi enyulu esisiyatha kunye nentombi enyulu esisilumko yayingezondlalifa kunye. Kuba xana. . .Intombi enyulu esisiyatha, wayeyintombi enyulu, nje iswele i-Oli. Kodwa xana esiza ukuthenga i-Oli, yayilelo xesha elo awafika ngalo uMyeni. Kwaye wayeshiywe ngaphandle, ngelithuba wayezama ukuthenga i-Oli. Niyaqonda? Ndifuna oko kungene ngaphakathi, kakuhle ngokwenene. Ngoku, ngokuqinisekileyo akufuneki ndiwuqhubele nakude lomxholo. Ngoku, ngokunjalo owoMoya kunye nowemvelo abayikuba zindlalifa kunye.

47 Kungoko uXwilo, uMtshakazi, intombi enyulu eyingqondi, ababiziweyo, abamiselwa ngenxa engaphambili, abenyuliweyo! Ngokuba, nina bosomashishini beningayikuqhuba i-ofisi yenu njengokuba abanye abantu bezama ukucinga ukuba uThixo uqhuba inkqubo Yakhe, ngomabona ndenzile. UThixo wayesazi, ngaphambi kokusekwa kwehlabathi, ukuba ngubani na oya kusindiswa kwaye ngubani ongasayi kusindiswa. Ngokumiselwa ngenxa engaphambili, ngokwazi kwenxa engaphambili, Wabona lonke ilungu, wabeka lonke igama kwiNcwadi yoBomi yeMvana, ngaphambi kokuba iBandla liqale. UYesu weza ukufuna nokusindisa oko kwaku kulaa Ncwadi. Wathenga iNcwadi yeNtlangulo. Yayilahlekile, kwaye Wasihlangula, kwaye onke amagama ayekulaa Ncwadi ahlangulwa xana Wasihlangulayo.

48 Ngoko, njengokuba nditshilo kumaxesha amaninzi, niyakuqaphela oko. Yiyo loo nto nilapha kusasanje, kutheni niphuma kuyo yonke le mibutho kunye nezinto. Niyi. . . Kukho into eThile enitsalayo. Njengokuba ingcinga yam encinane ibinjalo, malunga nokhozi olwaqanduselwa phantsi kwesikhukukazi, yabona, u—uyaqaphela ukuba kukho into ethile eyahlukileyo. I—ibandla alizange libe nayo i—into eyanelisayo. Kodwa, wena, weva into eyenye leyo eyayisisikhalo,

wakuqaphela oko, ukuba wazalwa ngenxa Yoko. Uyinxalenye yaYo. Wena, uyalingana kuYo, njengeglavu esandleni. Yiyo loo nto sihlanganisene apha kusasanje, kungokuba, njengokuba umama wam wasemazantsi wayesidla ngokuthi, "iintaka zosiba zihamba kunye," ngokuba ninezinto ezifanayo.

49 Amaxhalanga namahobe akukho nto izidibanisayo. Ukutya kwazo kwahlukile, nangona ihobe linokuqanduselwa phantsi kwexhalanga. Kunjalo oko. Kuyaxhomekeka ekubeni yayiyintoni na, indawo yokuqala. Ngoku, kwaye kuloo nto, nangona kunjalo, i—ihobe kusenokufuneka ukuba likhuliswe okwethutyana ngaloo nto, leloo xhalanga, kodwa ekugqibeleni liya kufumana iqabane lalo.

50 Yiloo nto iBandla liyenzayo namhlanje, kuba uYesu uliLizwi kwaye UnguMyeni, kwaye uMtshakazi uyinxalenye yoMyeni. Ngoko ke iLizwi elo liza kuzalisekiswa ngalo mhla likwayinxalenye yeLizwi elo lazalisekayo ngomhla Wakhe, kwaye liLizwi elinye, amava amanye, uBomi obunye.

51 Kuba, xana uThixo wahlula u-Adam, waye kokubini. Sifumanisa ukuba, u-Adam wayengumoya, indawo yokuqala. "Wamenza umntu ngokomfanekiso OngoWakhe, Wadala indoda nenkazana." Kwaye ngoko, kuGenesis 2 ukuya phambili, Wadala umntu kwi. . . eluthulini lomhlaba. Umntu wadalwa ngokomfanekiso kaThixo (uThixo unguMoya), ke ungumntu womoya. Ngoko xana waba ngumntu wenyama, inyama yesilwanyana emhlabeni, Uya—Uyabonisa, ebonisa apha uMtshakazi. Akazange athabathe kwaye enze esinye isiqu, kodwa Wathabatha inxalenye ka-Adam, indalo yakuqala, wathabatha ukuphuma kuye, ubambo ukuphuma ecaleni lakhe; waze wawuthabatha umoya wobufazi ukuphuma ku-Adam, washiya umoya wobudoda ngaphakathi phaya, kwaye wawubeka kwinxalenye yobufazi. Ke ngoko, inxalenye yomoya wakhe, inxalenye yomzimba wakhe; inyama yenyama yakhe, ithambo le thambo lakhe; ILizwi leLizwi Lakhe, uBomi boBomi Bakhe, kwaye leyo yiloo ndlela ayiyo uMtshakazi kuKristu!

52 Yiyo loo nto uXwilo lweMbewu yaseBukhosini kufuneka ukuba luze kuqala. Kwaye abanye abafileyo abazange baphile iwaka leminyaka, ngoko beziswa kwiTrone eMhlophe yoMgwebo. Yabona, akukho Mgwebo kwiMbewu yaseBukhosini, okanye iMbewu eyanyulwa kwangaphambili ka-Abraham. Ngoku ukuba uyakuthabatha uYohane oNgcwele 5:24, phulaphulani koku, "Lowo ulivayo iLizwi laM, akholwe kuLowo owaNdithumayo, unoBomi obungunaphakade."

53 Ngoku bekuyakwahlukanga kangakanani okuya kwiimfundiso zethu ezininzi zezakwalizwi? Ngoku ndingaphuma apha kwaye ndithi kwinxila, "Ingaba uyakholwa?" "Ngokuqinisekileyo!" Indoda nomfazi wenye indoda, "Ingaba uyakholwa?" "Ngokuqinisekileyo!" "Ingaba

ubuhleli emhlanganweni kubusuku obugqithileyo, ukuze uve iLizwi?" "Ngokuqinisekileyo!" "Uyakukholwa Oko?" "Ngokuqinisekileyo!" Ukutsho nje oko.

54 Kodwa ukutolikwa kwakuqala kweli Lizwi, "Lowo *uliqondayo* iLizwi laM, aze akholwe kuLowo waNdithumayo." "Lowo uqondayo," oko kukuthi, lowo Yenziwe yaziwa kuye.

55 UYesu wathi, "Akukho mntu unokuza kuM ngaphandle kokuba uBawo waM emtsalile. Kwaye bonke abo uBawo waM aNdinike bona, bayakuza. Izimvu zaM, amahobe aM, ayaliva iZwi laM. Owasemzini aziyi kumlandela." Kwaye liyintoni iZwi likaThixo? LiLizwi likaThixo. Liyintoni na izwi lomntu ngaphandle kwelizwi lakhe? LiLizwi likaThixo; baya kuliva iLizwi likaThixo.

56 Imbewu yemvelo ke ngoko yayingumthwali kuphela, ngo-Ishmayeli kuqala, u-Isake okwesibini, ngoko ukuhla ukuya kwiMbewu. Kanye njengesiqu, inquma, nekhasi, lombona. Ngoku, apha, amanqanaba amathathu embewu asibonisa umfanekiso oyinyani lowo endifuna ukuba uwuqaphele kunye nam ngale ntsasa. Siyawubona apha.

57 Kwaye njengokuba ndingafundanga, kufuneka ndithabathe izinto zemvelo ezo ndizibonayo, ukuze ndifuzisele izinto zomoya ezo ezenziwe zazeka kum, ngokuba andinako ukuzenza zibe nengqondo kuni ngayo nayiphi na igrama.

58 Kwaye, nakanjani na, uThixo usoloko efuzisela okomoya ngokwemvelo. Ukuba bekungekho Bhayibhile, bendiyakwazi ukuba ubuKristu bulungile, ngokuba wonke umhlaba ujikela ekufeni, ukungcwatywa, novuko. Imvelo isebenza ukufa, ukungcwatywa, novuko.

59 Khangela incindi ukuphuma emthini, indlela ezisa ngayo igqabi, kunye nesiqhamo, ukuwa; ibuyela emhlabeni kubusika obubandayo, ezantsi phantsi kwesoyi; iyavela kwakhona entwasahlobo, nobomi obutsha. Nyaka ngamnye, iyangqina ukuba kukho ubomi, kukho ukufa, kukho uvuko.

60 Ilanga liyaphuma kusasa, usana oluncinane olusandulu kuzalwa, lubuthathaka kakhulu. Ngentsimbi yesixhenxe okanye eyesibhozo, uqalisa ukuya esikolweni. Ngentsimbi yeshumi okanye yeshumi elinanye, uphumile kwikholeji. Libengezela ngamandla alo, ukusuka malunga neshumi elinanye kude kube malunga neyesithathu, ngoko liqalisa ukuba buthathaka. Ngorhatya liyehla, liba buthathaka, yindoda endala. Ingaba oko sisiphelo salo eso, liyafa? Hayi. Liyavuka kwakhona ngentsasa elandelayo. Yabona?

61 Yonke imvelo, iBhayibhile yakho yokwenyani leyo ingqinelana nale Bhayibhile! Kwaye yiloo nto ndizama ukunibonisa yona ngale ntsasa ngoku, ngemvelo uyakulibona iLizwi likaThixo, ifanekiselwe kwi—kwiLizwi likaThixo, ngokuba imvelo ingumsebenzi kaThixo.

62 Njengenzululwazi, bafumana ubuxhakaxhaka kunye nemithetho yemvelo, kodwa abayazi ukuba loo mvelo yintoni. Ababazi uBomi bemvelo. Lowo nguThixo. Ke, ubuxhakaxhaka ngaphandle kondoqo abulunganga.

63 Ngoku, isiqu, inquma, nekhasi, qaphela. UHagare apha umele isiqu, esasibubomi bokuqala obaqalayo kwidinga. USara umele inquma, okanye umungu, uvela kwinquma. UMariya, intombi enyulu, wamela waza wavelisa iMbewu yomoya yokwenyani, ukuze avelise isiqu senene senyani. UHagare noSara, bobabini babengokwesondo bobabini. Kodwa uMariya, intombi enyulu, yayingamandla eLizwi ledinga likaThixo, ngokuzala kwentombi enyulu. Wavelisa iMbewu yoqobo. Isiqu, uHagare, unkosikazi wesibini, ngokuthandabuza kwedinga, esebenza ngokuthandabuza, kancinane.

64 Ndiyathemba nje, wanga uThixo angasinceda. Andi...ndifuna ukuba nikubone oku, kakubi kakhulu. Awunakuthandabuza kancinane nayiphi na kuYo. Umelwe kukuYithabatha njengokuba Injalo. Ayiswele kutolikwa. IBhayibhile ithi ukuba, "ILizwi likaThixo alilokuzitolikela." UThixo akaswele nasiphi na kwizikolo zethu ukuba sitolike iLizwi Lakhe. Xana ELingqinela aze aLenze liphile, oko kukutolikwa kwaLo. Xana uThixo wathi, "Makhe phaya kubekho ukukhanya," kwabakho ukukhanya. Oko akuswele ukuba kutolikwe. Xana Wathi, "Intombi enyulu iya kumitha," wamitha. Ayiswele ukuba itolikwe.

65 Asikuswele konke oku, zizikolo zakwalizwi kunye nezinto ezo ezifumana amadoda, "Ke, *si*kufumene ukutolika. *Si*kufumene ukutolika."

66 UThixo ngoKwakhe utolika iLizwi eliLeLakhe. Akaswele mntu ukuba aMtolikele. Wathi, "Kuya kwenzeka," kwaye kwenzeka. Wathi ngemihla yokugqibela Uyakumthulula uMoya Wakhe, Ukwenzile oko. Andikhathali nokuba athini na amahlelo, Ukwenzile oko, nakanjani na, kuba Wathi Uyakukwenza oko. Ke, Akuswele kutolikwa, kuba uThixo wenza OluLwakhe utoliko.

67 Kwaye ezi zinto ezo nizibonayo, ezibonakala ukuba zizimfihlelo kuni ngoku, ukuba beniya...Niyalukhumbula ulungiselelo lwenu, nina maPentekoste, emva ngaphaya kumashumi amathathu okanye amashumi amane eminyaka eyadlulayo, yayiyimfihlelo njengoko injalo kwi—kwibandla lamaWisile namaBhaptizi, njengokuba Oku kunjalo kuni namhlanje. Kodwa ngoku Yifumane eLizwini. Ndizama ukunibonisa njengoko nizamile ukubabonisa. Kwaye ngoko ukuba uThixo uyajika athi Injalo, eLizwini, ngoko aze aLiqinisekise ukuba linjalo, oko kukutolika Okuko kaThixo. Awuswele nabani na ukuba akutolikele.

68 Ngoku, uHagare, ngo "kancinane"! Khumbula, awunako ukukhupha iLizwi nelinye Phaya. Kwaye uYesu wathi, kwiSityhilelo, ekuvaleni kweNcwadi. Kwaye ekuqaleni kweNcwadi, uKristu wathi, "Nawuphi na umntu oyakususa iSiqwenga sibesinye ukusuka kwelaa Lizwi!" Nje iLizwi elinye elatolikwa ngokungekuko, labangela sonke isigulo, ukufa, oko esakha saba nako. Ke, ukuba uThixo, Ongcwele, wakhangela phantsi; kwaye wabangela sonke esi siphithiphithi nje ngokutolikwa ngokungekuko iLizwi elinye, nayo nayiphi na into encinane enxamnye nelaa Lizwi longamileyo yabangela sonke esi siphithiphithi; nokuva ubunzima, ukopha nokufa koNyana OngoWakhe, ukuze axolelanise le nto eyoyikekayo ibuyele emva kuYe; sizakuyifumana njani nantoni na enganeno kunokugcina iLizwi lilonke?

69 "Ke," wathi, "Mzalwana uBranham, loo nto yayikwiGenesis." Ndayiva loo nto, yabona.

70 Kodwa makhe ndinixelele, iSityhilelo, leyo yinxalenye yokugqibela yeNcwadi. "Nabanina oya kususa iLizwi libe linye ukuphuma eNcwadini yesi siprofeto, okanye ongeze ilizwi libe linye kuYo, isabelo sakhe siyakususwa eNcwadini yoBomi."

71 UYesu wathi, embindini weNcwadi! Nango amangqina akho amathathu kwakhona: iGenesis, iTestamente eNtsha, nomhla namhlanje. UYesu wathi, "Umntu akayi kuphila ngasonka sodwa, kodwa nangalo lonke iLizwi eliphuma emlonyeni kaThixo."

"Ke, Wayengathethi loo nto."

72 Wayethetha kubantu ababengabefundi benkolo, ngokuphezulu. Abo babingeleli, ooyisemkhulu kayise-mkhulu kayise-mkhulu kayise-mkhulu kayise-mkhulu kayise-mkhulu wooyise mkhulu kwanyanzeleka ukuba babe ngababingeleli. Ukuligqwetha iLizwi elinye laYo, ngokuba, yayisisohlwayo sokufa ngokupheleleyo. Kwakufuneka baxulutywe ngamatye, ngenxa yokuba iLizwi elinye eliphosiwe. Kodwa babenokutolika okuphosakeleyo kwaLo. Ngoko ke xana iLizwi ngoKwalo; xana uThixo wathembisa ukuthumela uMesiya, kwaye Wamthumela kwakuloo qhiya yamalaphu eedyokhwe lawo AwaYethembisile ukuba uyakuza ekuwo, babeneqhiya yeedyokhwe eyahlukileyo ngenxa Yakhe ukuba asongelwe kuyo.

73 Makhe ndithethe oku: Ke kunjalo namhlanje, ukuba bona abaYifumani! Ayikho kumalaphu eedyokhwe wobuhlelo okanye wobukrelekrele. Ikumalaphu eedyokhwe amandla wovuko, nokubonakalaliswa kukaKristu ovukileyo, indlela uThixo awaYithembisa ngayo, kwaye hayi amalaphu eedyokhwe weengcinga zabantu ngaYo.

74 Ngoku, uHagare, ngomahluko omnye omcinane ongephi, ngomfazi, hayi ngo-Abraham ngoku. U-Abraham wayengafuni ukukwenza oko, kodwa uThixo wamvumela ukuba akwenze

ngokuba yena. . .Into efanayo, Wavumela uBhileham aqhubele phambili. Ngoku qaphela, ngokwahluka kancinane kuYo, wazisa u-Ishmayeli, owayeyindoda yasendle, engazange yoyise. Wayephila ngesaphetha sakhe. Wayeyindoda enobundlobongela. Usenjalo nangoku, namhlanje.

75 Ngoku uSara, inquma, okanye umungu, uSara, umfazi wenene wedinga, wazisa indoda elinene, ngembuyekezo yazisa isizwe esithenjisiweyo.

76 Ngoku, kodwa, uMariya, akukho sondo, kodwa ngalo idinga, kanye njengo-Abraham wafumana idinga elivela kuThixo, iLizwi likaThixo, kodwa walikholwa idinga, "Khangela umkhonzazana weNkosi," yabona, wazisa hayi isiqu, kodwa iMbewu yakuqala, kuba WayeliLizwi elo u-Abraham walikholwayo kwaye naloo Mariya walikholwa.

77 Ngoku, uMariya wayengeyiyo iMbewu, wayelikhasi kuphela kwiMbewu. Abanye ababini babengabathwali bobomi, kuphela imbewu yemvelo. UMariya wayengeyiyo iMbewu, ngokwakhe; kodwa njengokholo eLizwini likaThixo, wazisa umfanekiso oyinene ngakumbi weLizwi, ngokuba WayeliLizwi. Kodwa njengekhasi, le. . .lengqolowa, ukhozo lwengqolowa, ikhasi libamba ingqolowa ngaphakathi kulo kwaye liyikhusele ide ibe nako okanye ivuthwe ukuba iziqhubele phambili ngokwayo. Yabona? Ngoko, kwabayiMbewu ngokwaYo leyo eyamshiyayo. Kanye njengokuba, iMbewu yayisesizalweni sakhe, wayengeyiyo yena iMbewu. Akazange avelise iMbewu. UThixo uyiMbewu.

78 Ngoku, igazi ngoko, abantu abaninzi bacinga ukuba yayiligazi lobuYuda elo esathi sasindiswa ngalo. Kwaye abanye babo bathi, "Ke, sifumene ilungelo ngazo iiNtlanga, ngenxa yokuba uRahabhi ihenyukazi kunye—kunye noRute umMowabhikazi, na njalo njalo, babeziNtlanga." Aninalo ubango laloo nto konke konke, nalinye. WayengengomYuda okanye iNtlanga.

79 WayenguThixo, uLogos, iLizwi elo elaphumayo kuThixo. Xana, Laqalisayo ukufukama phezu komhlaba, kwaye Lazisa ubomi baselwandle. Xana uMoya kaThixo, uLogos, iLizwi, awathi uThixo walithetha, "Makhe phaya kubekho," kwaze phaya kwaphuma uLogos, lowo uliLizwi. Kwaye iLizwi laqalisa uku. . .kuba konke oku kwakukuLogos; iLizwi likaThixo lilonke, iBhayibhile iphela, kwisigaba ngasinye. Kwaye njengokuba uLogos eqalisa ukuphefumla phezu komhlaba, phaya kweza ubomi baselwandle; kwaye bokheka ukunyuka, ubomi bentaka, ukuqhubeka ukuya kutsho kubomi besilwanyana. Kwaye ekugqibeleni phaya kweza into ethile esekumeleni, okanye yakhangeleka njengento leyo eyayityalayo, ifukama phezu kwayo, uThixo, umntu kowona mfanekiso kaThixo.

80 Laa mntu wawa, njengokuba imbewu imelwe kukuwa. Kwaye ngoko uThixo waqalisa ukufukama phezu koko, emva kokuwa. Wazisa u—u-Enoki, Wazisa u-Eliya, Wazisa uMoses, Wazisa umprofeti emva komprofeti, ezama ukubuyisela laa mfanekiso kwakhona. Kwaye, ekugqibeleni, phezu komhlaba kweza umfanekiso wokwenene kaThixo ngoKwakhe kwakhona, owawunguThixo, uLogos enziwe inyama wahlala phakathi kwethu.

81 Ngoku kwaloo Logos mnye unenxalenye, UnoMtshakazi, kwaye loo Logos mnye, eli Lizwi elo lingenako ukugqwethwa, lifukamela phezu kwamabandla namhlanje, ezama ukubuyisela iLizwi ekubonakalisweni kwaLo okupheleleyo. Loo nto, a—abaprofeti ababengabathwali kuloo Mbewu, kwaye ibandla amahlelo abe ngabathwali kwiMbewu ngoku. Ngoku qaphela, ngokukhawuleza, kodwa njengokuba ikhasi ligona, libambe eMbewini ngaphakathi ngoku, ngoko iyamshiya.

82 UYesu wayenguThixo. Waye nguYe. UYise wayenguLogos omkhulu ngoKwakhe. Kwaye Wayengenako ukuKugalela konke kuMoses, kuba wayengumprofeti.

83 Kwaye iLizwi leNkosi lisoloko, alikaze lisilele, liza kumprofeti. Akukho ndawo, akukho xesha, eBhayibhileni, okanye kususela kwiBhayibhile, ukuba ukutolikwa okuchanekileyo kweLizwi kuze kumfundi wenkolo. Akukho kwiZibhalo oko. Abazange bakwenze abaFarisi, abazange bakwenze abaSadusi, kwaye akazange uThixo avuse umprofeti ukuphuma nakweyiphi na kuzo, kwaye akazange Akwenze nakule mihla yokugqibela.

84 Nje bakuba beqalisa ukuyivusa, bayahlanganisana bonke kwaye benze umbutho ukuphuma kuyo, phaya iyafa. Kodwa kungenxa yenjongo ukuba Ekwenzile oku. Siyakuzama ukukucacisa oku, uThixo esinceda. Qaphela, bona apha ukuba usondele kangakanani yena, ibandla, imbewu ngoku, iya ekukhangelekeni njengeMbewu ngokwaYo.

85 Ngoku uyaqaphela, xana imbewu isiya emhlabeni, iyimbewu yakuqala. Xana iphumayo, izisa ubomi. Kodwa benza ntoni ubomi ukuphuma kwimbewu yengqolowa? Ayivelisi kwa isiqu esifanayo sengqolowa kanye ngoko, okanye ukhozo olufanayo lwengqolowa. Bubomi bengqolowa, kodwa bukwinqanaba lokuthwalwa. Kwaye olo yayiluhlaziyo lokuqala, xana uLuther waphumayo ebumnyameni besiphithiphithi. Kwakufuneka ukuba ife.

86 Amaxesha amaninzi kakhulu, abantu bayavelana. Owu, kwaye ndafunda incwadi kungekudala kwixesha elidlulileyo, ethi, *UThixo Othuleyo,* inikwe ngomnye wezi ntanda bulumko zangoku ezizama ukunikhwebula nisuke kuThixo. Ukuba awulazi iLizwi likaThixo kunye necebo likaThixo, unganokugungqiswa ngokulula. Kodwa xana ubona icebo

likaThixo, inkqubo Yakhe, ngoko ngokholo uyazi ukuba nguThixo; kwaye uThixo ezazisa ngoKwakhe, esenza nje loo nto Awayenzayo nga—ngamanye amaxesha, ehamba, engqina.

87 Naso isizathu sokuba uMoses angabi nakushukunyiswa. Wathetha ubuso ngobuso noThixo, kwaye uThixo wamxelela, "NdinguLowo wayekunye no-Abraham emva ngaphaya. NdinguLowo owenze esi sithembiso. Ndiya kuba nawe." Uyakuyimisa njani loo ndoda ngoko?

88 Njengoko umprofeti wakudala watshoyo, "Xana ingonyama igquma, ngubani na ongayi koyika? Kwaye uThixo uthethile, ngubani na ongayi kuprofeta?" Xana sibona izinto uThixo azithembisileyo ngale yure, sizibona zityhileka, ungathini na ukuma ngxi xana ubona ukuba leyo yindlela Yakhe? Lonto Awayithethayo, iyakwenzeka. Bona zonke izinto eziyimfihlelo, kodwa leyo nje yindlela echanekileyo kanye athe uThixo iyakwenzeka ngayo.

89 Ngoku qaphela, "yena," umthwali. Ngoku, uHagare waphuma njengesiqu, kwaze kweza umungu, kwaye ngoko kweza ikhasi, kwaze ngoko kweza iMbewu. Ngoku khangela aba bathwali, ndifuna ukuba wena ubukele, kuqala.

90 Ngoku, isiqu asikhangeleki njengeMbewu konke konke, kodwa uBomi obo obabukwiMbewu bukwisiqu. Lowo yayinguLuther. Ngoku, isiqu esincinane sinencakuba ezininzi; yemka isuka kuLuther, ukuya kuZwingli, nokuhla njalo ukuya kuCalvin nabanye abaninzi.

91 Ngoku qaphela, ngoko, yatshintsha indawo yayo. Bukela imvelo ngoku, ibumba ukuya kwiLizwi likaThixo, njengelanga: ukufa, ukungcwaba, novuko. Ngoko kweza umungu, lowo yayinguWesley. Kwaye phaya kwakukho omninzi umungu omcinane ojingayo kuzo, lowo eneneni wawukhangeleka ufana kakhulu njengeMbewu kunokuba elaa gqabi lenzayo, kwingqolowa okanye umbona. Ukhangeleka kakhulu ngakumbi njengayo; ngokuba, uWesley ngeLizwi lesibini, iLizwi lesibini likaThixo, enyusela ibandla Lakhe phezulu, lize ngongcwaliso. Lowo yayingumyalezo wakhe. Konke kulungile.

92 Ngoko, emva kwethuba, oko kwawa kwaye kwabuyela kwisiqu kwakhona, kwaye kwavelisa isikhwebu sombona. Kodwa ngaphambi kokuba esisikwebu siqalise, kwabakho ukushukuma, ikhasi, isigqubuthelo, ikhasi. Kwaye nawuphi na umvelisi wengqolowa, umvelisi wombona, ukuba uyagrumba phaya kwaye uchole eso sikhwebu sombona okanye eso sikhwebu sengqolowa, uya kucinga ukuba leya incinane—laa nto incinane yokuqala into encinane lolwaa khozo lwengqolowa. Kodwa, ngoku, kukho isigaba samaPentekoste. Ngoku awunako, wena, nawuphi na umfundisi wezakwalizwi okanye . . .

93 Nawuphi na umbhalimbali, gxebe, uyazi ukuba ezo zizigaba, ngendlela eziza ngayo. Thabatha i—iNcwadi yeSityhilelo,

thabatha izigaba zebandla, kwaye ubone ukuba leyo asiyo ndlela ngokuchanekileyo ezityhileka ngayo.

94 Ngoku, ukusuka kuWesley kwaphuma iPilgrim Holiness, amaNazarene, nawo onke loo mabandla mancinane obungcwele, ukusondela kakhulu ngakumbi kwiLizwi kunokuba uhlaziyo lwamaLuthere lwalunjalo. Kodwa, uyabona, xana uLuther wenza umbutho, oko nje kwaqalisa ezo ncakuba. Kwaye xana oku kuphumayo, wonke uMoya walishiya elaa bandla lamaLuthere, bonke kodwa nje ubuhlelo, kwaye amakholwa wokwenyani aya kungcwaliso.

95 Kwaye ngoko xana ungcwaliso ludlulile, iPilgrim Holiness, na njalo njalo, nayo yonke imibutho yobungcwele, amaNazarene, na njalo njalo, Yasuka phaya, kanye ukuphuma ukungena kwesi sigaba samaPentekoste. kwaye khangela kolwaa khozo luncinane ngoku, lwengqolowa, likhangeleka ngokuphindwe ngesigidi ngakumbi njengengqolowa yakuqala, leyo eyangena emhlabeni, kuna loo nto isiqu sayenzayo okanye into umungu owayenzayo. Kodwa ukuba uyakuhlala phantsi, uyibeke phantsi kweglasi, kwaye uvule loo makhasi mancinane, angabathwali nje nawo kananjalo. Ukhozo alukaqalisi nangoko. Yintlama encinane kanye ngasemva, ngegilasi enkulu enamandla amakhulu unako ukubona obo butsolo buncinane, ngathi yincam yesikhonkwane, phaya kuza imbewu. Kwaye eli khasi apha elo likhangeleka nje ngokuchanekileyo njengento yokwenene, akuyiyo into yokwenene. Sisizalo nje kuphela.

96 Njengesizalo sikaMariya. UMariya wayengeyiyo iMbewu, ekumelweni apha kwesiqu. Wayengumthwali nje waYo kuphela, njengabanye. Kodwa ebiziwe waza wonyulwa kuqala, nguThixo ngoKwakhe, ngenxa yale njongo, kukhangeleka ngakumbi njengoko abahlobo bethu abangamaKatolika bebeyakucinga, ukuba wayengumama kaThixo. Hayi, wayengenguye umama kaThixo, wayengeyiyo ngokunjalo neMbewu kaThixo.

97 Umfazi uvelisa iqanda. UThixo uvelisa u—ubomi. Isithwali mandla egazini, igazi, likwisini sobundoda.

98 Isikhukukazi singabekela iqanda okanye intaka ingabekela iqanda, entwasahlobo yakha indlwane yayo, kodwa, ukuba loo ntaka ilithokazi ayizange ibe kunye nenkunzi yentaka, ayisayi kuqandusela. Ifile. Iya kubolela kanye endlwaneni.

99 Njengoko bendihlala ndisitsho, yiloo nto iyingxaki ngamabandla namhlanje, abolela kanye endlwaneni, ebizwa ngamaWisile, amaBhaptizi, amaPentekoste, na njalo njalo. Ukuba abanxulumananga neLizwi, ngokwaLo, bayabola kanye kwindlwane, kumbutho wabo.

100 Ngoku, ngoku abanye babo bathi ngoko, amaProtestanti akholelwa ngaphezulu okanye ngaphantsi ukuba yayinguMariya owavelisa iqanda. Ukuba oko kunjalo, khangela ukuba yintoni

oyenzisa uYehova uThixo. Iqanda alinakuveliswa ngaphandle kwemvakalelo.

101 Ke, uyabona, uThixo wenza kokubini iqanda kunye nentsobi, Wakudala kokubini esizalweni sikaMariya. Kwaye laa Ndoda yayingeyonto kuphela uThixo ngoKwakhe enziwe inyama wahlala phakathi kwethu, u-Imanuweli, hayi nje indoda elungileyo, umprofeti; WayeyiNdoda elungileyo nomProfeti; hayi umfundisi, umfundi wenkolo. Owu, Usenokuba—Usenokuba wayeyiyo yonke loo nto; Wayekuko Konke kwinto Yonke. Kodwa ngaphezu kwayo yonke loo nto, WayenguThixo ngoKwakhe. IBhayibhile yathi, "Sisindiswe ngeGazi likaThixo." UThixo ngoKwakhe, hayi umntu wesithathu okanye umntu wesibini. UMntu, uThixo ngoKwakhe, uYehova omkhulu, wamsibekela uMariya; kwaye uMdali, waze wadala kokubini iseli yegazi, ubomi, kwaye kananjalo neqanda.

102 Ukuba unako ukufumana umYuda ukuba akubone oko, wena. . .uyazi ukuba uNgubani na uMesiya. Xana laa John Rhyn waphiliswayo phaya phezulu eBenton Harbor, eyimfama amashumi amane eminyaka. Laa rabhi wandibuza, wathi, bendinodliwanondlebe kunye naye, wathi, "Awunako ukmnqunqa uThixo kwiziqwenga ezintathu kwaye uMnike umYuda."

103 Ndathi, "Abanye babo benza njalo. Kodwa asimnqunqi uThixo kwiziqwenga ezintathu." Ndathi, "Uyabakholwa na abaprofeti?"

"Ngokuqinisekileyo, ndiyabakholwa abaprofeti," watsho.

104 Ndathi, "Wayethetha ngabani u-Isaya, u-Isaya 9:6, 'Thina sizalelwe uMntwana?"

Wathi, "Ngokuba, yayinguMesiya."

105 Ndathi, "Bobuphi ubudlelwane uMesiya ayakuba bubo kuThixo?" Loo nto yakwenza oko. Ndathi, "Ngoku. . . "

Wathi, "Uya kuba nguThixo."

106 Ndathi, "Ngokuchanekileyo kanye. 'IGama Lakhe liya kubizwa ngokuba nguMcebisi, yiNkosana yoXolo, uThixo onaMandla, uBawo Ongunaphakade.'"

107 Phaya kulapho aboBunye beyiphosa khona, kulapho aboButhathu emnye bayiphosa khona, macala omabini endlela. Kodwa umbindi owonwabileyo usesiphakathini kanye. Ukuba uThixo angabanokuba nguYise Wakhe ngoKwakhe, ukuba uYesu wayenguYise Wakhe ngoKwakhe, Ubengenakuba njalo. Kwaye ukuba Wayenomnye uyise ngaphandle koThixo, kwaye iBhayibhile yathi "UMoya oyiNgcwele" yayinguYise Wakhe, kwaye ukuba bangoomoya ababini abahlukeneyo, Wayengumntwana ongumgqakhwe. Kunjalo oko. Yayinguwuphi uYise Wakhe, uThixo okanye uMoya oyiNgcwele? Yitsho omnye kwaye ubukele ukuba kokungakanani ukudaniswa oya

kukufumana. UThixo wayenguYise Wakhe. Ingaba kulungile oko?

108 UMateyu 1:18, Wathi.

> *Ngoku ukuzalwa kukaYesu Kristu kwaye kungolu hlobo: Xana...unina uMariya wayesele eganelwe uYosefu, ngaphambi kokuba bahlangane, wafunyanwa enomntwana woMoya oyiNgcwele.*

109 Ngoku Ngubani na uYise? Yabona, yabona ukuba ndithetha ukuthini na? Qaphela.

> *...UYosefu umyeni wakhe, eyindoda elilungisa... engafuni ukumenza umzekelo esidlangalaleni, wathanda ukumala bucala,* ngolu hlobo.

> Yabonani*, ngelithuba wayecinga ngezi zinto,... ingelosi yeNkosi yabonakala* kuye *ephupheni, isithi, Yosefu, wena nyana kaDavide, musa ukoyika ukuthabathela* kweya*...kuwe uMariya umkakho: kuba oko kukhawulweyo ngaphakathi kwakhe kokuka...* [Ibandla lithi, *"...uMoya oyiNgcwele."*—Mhl.]

110 Bendicinga ukuba bathi, "UThixo uYise wayenguYise Wakhe"? Owu, bafundi benkolo, kuphi ukuqonda kwenu?

Qaphela, "Kuyakubakho ukuKhanya malunga nexesha langokuhlwa!"

111 IMbewu yokwenyani yaphuma kuMariya, kodwa yayingeyoMbewu yakhe. Yayilidinga likaThixo, elo awathi, "Nanko ke umkhonzazana weNkosi." Abathwali bobomi yayingabafazi. Kwaye ngoku, uMariya, iMbewu isondele kakhulu kangako.

112 UHagare kwafuneka ukuba ayamkele ngendlela egqwethekileyo. USara, ethandabuza loo nto, wayizisa nje kwimbewu yemvelo, umnqweno ngokwesondo. Kodwa uMariya, ngaphandle kwalo naluphi isondo konke konke, wakholwa iLizwi, kwaye iLizwi lenziwa inyama.

113 Kodwa qaphela, uMariya esondele kakhulu kangako, wayibamba iMbewu esizalweni sakhe, kwaye yayikhangeleka ngokungathi yayiya kuba yiMbewu yakhe. Kwaye ngokunjalo namaPentekoste. Ndiza kuza ekhaya. Kodwa khumbulani, uYesu wathi, kuMateyu isahluko sama-24, umqolo wa-24, "Ngemihla yokugqibela, oomoya ababini..." Hayi ngemihla yakuqala, ngoku. "Ngamaxesha asemva, imimoya emibini iyakusondelelana kakhulu ide ilahlekise kwanabo bonyuliweyo ukuba bekunokwenzeka." Umoya wePentekoste, nje ngokuchanekileyo njengento yokwenene, egqibelele kangangokuba ibiya kulahlekisa nabonyuliweyo ukuba bekunokwenzeka.

114 Ngoku, lawo ayingomazwi am. Yiloo nto Awayithethayo. Ngoku, emva kwethuba, mhlawumbi uyakufumana

ukuqonda koko ndizama ukukuthetha. Ngoku loo Mbewu ngokuqinisekileyo yayikhangele ngakumbi . . .

115 Elaa khasi lalikhangeleka lifana ngakumbi neMbewu, lade langaphezulu kokwenza komungu, nangaphezu kokuba isiqu senzile, kodwa zazingabathwali nje kuphela beMbewu. Yabona, uLuther wenza umbutho, isiqu safa; uWesley wenza umbutho, umungu wafa; amaPentekoste enza umbutho, ubomi bafa. Kwaye ngoku kuphuma iMbewu. Awunako ukuya kude kuneMbewu.

116 Qaphela, konke ukutyhutyhumeza iminyaka, xana intshukumo enkulu ivukayo, kanye ngokukhawuleza emva kwayo kuza umbutho. Malunga neminyaka emithathu kumalunga nje nokuphila kwemvuselelo, ngoko bayenza umbutho, benza umbutho. Kufuneka kubekho ezininzi eziphuma kuyo; njengabaninzi abaphuma kuLuther, iincakuba; kwaye baninzi abaphuma kumungu, uWesley; kwaye amagqabi amaPentekoste ayaphuma, ubunye, ububini, ubuthathu, ubune, ubuhlanu. Owu, inceba! Yabona?

117 Kodwa, qaphela, amashumi amabini eminyaka kaYesu Kristu ebonakalaliswa! Akukho namnye umbutho okhe wavuka, kwaye akukho namnye oya kuvuka; uyakufa njengayo yonke intshukumo yemvula yamva, nayo yonke enye into. Eli lixesha lokugqibela, iMbewu, kwaye ayisayi kudla ilifa kunye nekhoba, hayi ngaphezu kokuba u-Ishmayeli wayeyindlalifa kunye no-Isake.

118 Bona apha ngoku ukuba usondele kangakanani, usondele ngokwaneleyo ukuba alahlekise. uLuther, isiqu; uWesley, inquma; noMariya, ikhasi, okanye isizalo, okanye iPentekoste. Indlela endingahamba ngayo kanye apha kwelaa khasi, kwaye ndinibonise. Ukuhla ngesigaba, ayizange isondele kangako kude kube njengokuba injalo kanye ngoku. Yonke into libandla, i*bandla,* yabona, u “yena.”

119 Kwaye qaphela, yayingu “yena,” ekuqalekeni, lowo owathandabuza idinga lakuqala. YayingengoThixo owalibuyisela umva iLizwi Lakhe. UThixo akalibuyiseli iLizwi Lakhe umva namhlanje; Uqinisekisa iLizwi Lakhe lakuqala! Kodwa uSara wathi, “Mhlawumbi, mhlawumbi; silindile.”

120 Yiloo nto eyingxaki ngabantu namhlanje, uzama ukukhwela kwinto ongayaziyo ukuba yintoni le ukhwela kuyo. Uya kuyenza njani ngaphandle kokuba uyayazi ukuba yintoni le uyenzayo? Ingaba uhamba uvale amehlo? Ukuzama ukunyuka kwinto ongayaziyo ukuba yintoni oyenzayo, uya kuwa. “Ukuba imfama ikhokela imfama, zombini ziya kweyela emhadini,” uYesu wenza eso sicatshulwa.

121 Kodwa ngoku simi ngexesha leMbewu. Ngoku iMbewu iyakubamba, (Intoni?) ixhase, isebenzisana neMbewu

eYibambileyo. Yayimiswe phaya ngenxa yaloo njongo, ukuba iYibambe.

122 Ngokuba, njengokuba ilanga liphuma ekuqaleni kwentwasahlobo, phezu kwengqolowa, qaphela yonke imvelo kulo lonke ixesha lonyaka, ekuhambeni kwemini, yonke into ihamba nje kakuhle ngokugqibeleleyo kanye, noThixo. Ngoku xana elaa langa lishushu liqalisa ukukhanya phezu kwembewu, iyadubula. Kodwa ihlabathi lifanele libe kwimeko ethile ukuze lenze loo mbewu idubule iphume emhlabeni. Kumelwe ukuba lijikele lize *ngale* ndlela, ukuze libe kwindawo ethile yokwenza ukuba laa mbewu ivele. Kwafuneka ukuba lize ngalo ndlela, ukuyikhuphela ngaphandle kwe. . .phezu kwesigaba sobumnyama.

123 Abanye abantu. . .lo mgxeki ndithe wabhala incwadi, *UThixo Othuleyo,* wathi, "Kuzo zonke izigaba zobumnyama, abo bafelinkolo balusizi bafa, behla, loo maKristu, kwaye uThixo wahlala eZulwini njengokungathi Wayengena kwa inkathalo." Ngokuba, ihlwempu elingakwaziyo ukufunda, limfamekisiwe, umntu omfamekileyo ngokomoya, ukuba amehlo akhe kuphela ebevuliwe! Anazi na ukuba imbewu imelwe kukuhlala emhlabeni, ukuze ife kwaye ibole, ngaphambi kokuba ivelise kwakhona?

124 Kwaye ibandla lepentekoste lafa, ngebandla lamaKatolika lokuqala. Kwaye leza nje likwimo yesiqu, kodwa uyabona indlela asondele ngayo ukumila, kumntu ngamnye, ngamaLuthere, uWesley, isigaba samaPentekoste? Niyaqonda?

125 Ngoku Imelwe kukubuyela kanye ngqo emva kolwa lungiselelo lwakuqala olo Wayenalo apha emhlabeni, kuba nguMtshakazi. Banye. Ngoku Wathembisa, ngemihla yokugqibela, indlela ezi zinto ziyakwenzeka ngayo. Kwaye siyazibona zisenzeka, njengazo zonke izithembiso, uMalaki 4, uLuka oNgcwele 17:30. Owu, zingaphi ezinye iZibhalo, azinakuba nasiphelo!

126 Kwaye, owu, kuya kufuneka ukuba ndiyeke, kuba sekukamva. Ehe. Konke kulungile, ni—nibaxelele, nibone ukuba ninganokufumana. . .Nibabuze, yabona, nize ngoko nize nindixelele. Ngoku, umzuzu nje. Ndifuna ukufumana oku, kakubi kakhulu, yabona. Ndi—ndifuna ukuba nibone oku, kakubi kakhulu. Khangelani, uYesu. . .Qaphela, yabona, uMtshakazi.

127 Sekunjalo, siyafumanisa ukuba, kwesi sigaba eso esiphila kuso ngoku, yabona, ukuba isizalo, umbutho wamaPentekoste, wakhangeleka kanye njengento yokwenene. Kodwa ingaba ukhe waqaphela ukuba, iSityhilelo 17, sabiza ibandla lamaRoma Katolika, umbutho wokuqala, i "henyukazi"? Bangaphi abayaziyo ukuba leyo yinyani? Bangaphi abaziyo ukuba wayengunina wamahenyukazi? Yintoni umfazi oziphethe

kakubi? Ngoku, Wathi lo mfazi wayeli "bandla." Yintoni ihenyukazi? Ngumfazi lowo onganyanisekanga kwisifungo sakhe somtshato. Yintoni ihenyukazi? Yinto efanayo, ilizwi elifanayo.

128 Ngoku, wazala. Hlobo luni lozalo? Hayi kwiLizwi, kodwa ekuzaleni kombutho. Nanga amaWisile, amaBhaptizi, namaPentekoste, kwaye bebonke bathabatha imikhwa kamama wabo. Nawuphi na umfazi oziphethe kakubi eCalifornia unokuzala intombi enyulu; kwaye kungoko umyalezo wokuqala wezayo, kodwa xana inyaniso yaziswa kwisigaba sikaLuther, yongcwaliso, akazange akwazi ukuyithabatha. Xana ubhaptizo loMoya oyiNgcwele lwaluvunyelwe, lwaziswa kumaWisile, abakhange bakwazi ukuluthabatha. Kwaye ngoku, xana ixesha leMbewu laveliswa kumaPentekoste, akanako uYithabatha, wenziwe umbutho, kodwa ubengumthwali weMbewu, yabona.

129 [Umzalwana uthetha ngalwimi lumbi. Indawo engenanto kwiteyiphu—Mhl.] Amen. Ngoku mayibongwe iNkosi ngaloo nto, iLizwi, ubulula beLizwi elo lathethwayo.

130 Yabona, ilula nje, kanye nje ngakule, njengokubukela umbona ukhula. Akunyanzelekanga ukuba ube nengcaciso ethile enkulu yezakwalizwi ngayo. Nje yibukele. Ungu... Ukungqongile kanye, ngalo lonke ixesha. Yabona, i...yi...

131 Kumele ndime. Ndive ukutsalwa okuncinane, kwaye ndiyendamcela ukuba akwenze oko. Kufuneka sivale. Ngoku, mzalwana, eli nqaku libe linye, ngoko ndiyakuhamba.

132 Khangela, ngoku, ikhasi, isiqu, na njalo njalo, ngabathwali nje beLizwi kuphela. Babenenxalenye yeLizwi, yabona, bade bafika ezantsi; ukugwetyelwa, ukungcwaliswa, ukubuyiselwa kwezibabalo kwi—kwiPentekoste. Kodwa ngoku qaphela. Kanye njengokuba yayingu-Ishmayeli, u-Isake, yabona, kwaze ngoko kuYesu; yabona, omnye wayegqwethiwe, omnye wayengowakuqala, kwaye naku kusiza iMbewu ngokwaYo. Yabona? Ngoku, ibandla laphuma kwaku loo nto inye, kanye emva. Njengentyatyambo okanye nantoni na eyenye, iyasela, itsalela phakathi, kwaye ihambe...

133 Oko akuthethi ukuba amaLuthere alahlekile. AmaLuthere lawo alalayo ungcwaliso, ayakuba njalo, abo bafuna ukubambelela kwinto ethile...Yabona, uSirayeli wayesidla imana entsha busuku ngabunye, yabona. Qaphela.

134 Kodwa ngoku ekupheleni kwexesha, khangela kweli khasi apha, ngoku qaphela, kwingqolowa. Imfihlelo epheleleyo yo—yoBomi itywinelwe ngaphakathi kwelaa khasi. Siyibona kuLuther, inyuka. Siyibona kwinquma, iphuma. Siyibona kwisiqu. Siza ngapha, kwaye ngoku ikwimo yekhasi, phantse njengakwisigaba sePentekoste, kodwa eyona mfihlelo yokwenene ifihlwe ngaphakathi.

135 Ngoku khumbulani, ngokweSityhilelo, imfihlelo iyonke yeNcwadi itywinwe ngaMatywina aSixhenxe, leyo abahlaziyi abangazange babenalo ithuba lokuyizisa, amanqanaba amane wohlaziyo, amanqanaba amane wezinto Eziphilileyo ezine ezo zaphumayo ukuya kuhlangabeza amagunya omane ehlabathi. Eyokuqala eyaphumayo, yayi yi . . .

136 Yayiyintoni eyokuqala eyaphumayo? Ingonyama, ukuhlangabezana nesigaba samaRoma. Elo yayiliLizwi, elokuqala. LiyiNgonyama yesizwe sakwaYuda. UKristu ngoKwakhe waya kuhlangabezana neso sigaba. Sabayintoni isilwanyana eso silandelayo esaphumayo ukuya kuhlangabezana; isilwanyana esilandelayo saphuma, ukuya kuhlangabezana nomnye umkhweli wehashe, wayeyintoni yena? Yabona, laa mkhweli wehashe wokuqala wayenxibe ezimhlophe, ethweswe isithsaba entlokweni yakhe, kamva, njalo njalo, kodwa isaphetha esingenazintolo.

137 Qaphela ihashe lesibini elaphumayo, irhamncwa elo elaya kuhlangabezana naye yayiyinkomo. Inkomo sisilwanyana sedini. Behla baya ekubulawelweni ukholo ngexesha lesigaba sobumnyama.

138 Isilo sesithathu esaya kuhlangabezana nehashe elilandelayo, ngaphambi kokuba ihashe lokufa likhwelwe, ukufa nesihogo, ihashe elilandelayo elo elayayo . . . ISilo esilandelayo eso sayaukuhlangabezana nomkhweli wehashe waloo mini, yayisiSilo esinobuso bomntu. Bangaphi abayaziyo loo nto? Isigaba sobungqondi, abahlaziyi, uLuther, uWesley, uCalvin, uKnox, uFinney, uMoody. Yabona?

139 Kodwa ngoko qaphela, yintoni eyaphumayo ngexa langokuhlwa? Ukhozi, isiprofeto sibuya kwakhona. Kuyakubakho ukuKhanya malunga nexesha lokhozi, indlela eya eBuqaqawulini ngokuqinisekileyo niyakuyifumana, Owu Bandla likaThixo ophilileyo!

140 Ndinqwenela ukuza ndingeza apha kwaye—kwaye ndihlale phantsi nje kusasa, kwaye ndihlale imini yonke, ndidlelane nani ngeenxa zonke kwezi zinto. Phulaphulani, nicinga ukuba andinithandi? Ndiyanithanda, bazalwana bam. Ndi—ndi—ndingathanda ukuya kuwo wonke umbutho kwaye ndisebenzi- . . . kwaye—kwaye ndikholwe nje naye ngamnye. Kodwa, uyabona, ayinakwenzeka nje. Akukho mnyango undivulelayo.

141 Ndiyachwechwa ukuya esizweni kanye ngoku, ngenxa yombutho, ngokuba abayi kuluvumela ulungiselelo olo uThixo . . . Ndababhalela incwadi ukubuyela kubo, ndathi, "Iminyaka elishumi ndizamile ukungena. Kwaye nina ngobhaptizo lwenu oluphambeneyo!"

142 Omnye wabo ukholelwa ukuba umelwe kukubhaptizwa kathathu: kube kanye ngenxa kaYise, nakanye ngenxa kaNyana,

uMoya oyiNgcwele; ngobuso phambili. Omnye wathi, "Hayi, kufuneka ubhaptizwe kathathu ngomva: kube kanye kuNyana, kube kanye kuYise, nakuMoya oyiNgcwele." Kwaye bobabini baphosile.

143 Omnye wathi, "Yena, ubhaptizelwe ekufeni Kwakhe, kwaye Watyekela ngaphambili xana Wayesifa. Sabhaptizelwa ekufeni Kwakhe." Omnye wathi, "Ngubani na ongcwaba umntu ngobuso bakhe? Umngcwaba, ngomva." Ubuvuvu obunjalo, behlukanisa abantu, kuyabonisa ukuba ngumona. Kuphuma kuSathana. Asikokuka Thixo.

144 Embindini wamacala omabini, uThixo akakho nakweliphi icala, kodwa Ubiza ukuphuma kumacala omabini, "Phumani phakathi kwabo, kwaye nizahlule, utsho uThixo, kwaye Ndiya kunamkelela kuM."

UThixo anisikelele.

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

www.branham.org